Isalathiso: 20180112-8190
12/12/13/1
Imibuzo: R Larney

ISetyhula: 0002/2018
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nakooSihlawulo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa ngesikhokelo senkqubo yonikezelo lweencwadi ukususka kwibhunga lolawulo eliphumayo ukuya kwibhunga lolawulo elisandula ukunyulwa.*

Isishwankathelo esifutshane: Le setyhula yazisa ngesikhokelo senkqubo yonikezelo lweencwadi ukususka kwibhunga lolawulo eliphumayo ukuya kwibhunga lolawulo elisandula ukunyulwa.

1. ISiqendu 19(2) soMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (*South African Schools Act*) (SASA), ka-1996 (uMthetho 84 ka-1996), njengoko sifakelwe izilungiso, sifuna ukuba inqununu, namanye amagosa, ancedise amabhunga olawulo ekwenzeni imisebenzi yawo ngokwalo Mthetho.

2. Inqununu yesikolo ngummeli ngokwaseburhulumenteni weNtloko yeSebe leMfundo (*iWCED*) lo gama iseyinxalenye yebhunga lolawulo. Inyanzelekile ngoko ke iqinisekise ukuba kumiselwe amanyathelo olawulo angawo ajolise ekuqhubeleni phambili iinkqubo zolawulo nokuphathwa kweerekhodi.

3. Imimiselo ehlaziyiweyo i-*Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools*, 2017, epapashwe kwiGazethi esiSongezelelo yePhondo No.

7810 yange-17 Agasti 2017, ifuna ukuba inqununu ibambe intlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo elisandula ukunyulwa zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe emva konyulo obelusenziwa ngabazali.

4. Inqununu mayiququzelele inkqubo yonikezelo lweencwadi emayenzeke zingadlulanga iintsuku eziyi-14 iqhubekile intlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo.

5. Inqununu mayiqhube inkqubo yonikezelo lweencwadi ngokunikezela ngokusemthethweni zonke iifayili ezingokuphatha, kuqukwa nomgaqo-siseko webhunga lolawulo, imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo, kwibhunga lolawulo elitsha.

6. Inqununu kufuneka, kwakule ntlanganiso inye, iqhube iseshoni yokungeniswa ngokusemthethweni (*induction session*) kwamalunga amatsha iphendule nayiphi na imibuzo ibhunga lolawulo elitsha ekunokwenzeka ukuba libe nayo.

7. Isatifikethi sonikezelo lweencwadi (isiHlomelo A), esisayinwe ngabo bobabini oosihlalo, lo ungenayo nalo uphumayo, masizaliswe kwaye sigcinwe ngokunqatyisiweyo esikolweni.

8. Kukhunjuzwa iinqununu ukuba kwenziwa uphicotho-zincwadi qho ngonyaka kwi*WCED* kwaye ubungqina benkqubo yonikezelo lweencwadi mabubhalwe kwimizuzu yentlanganiso yaye kurekhodwe ngokufanelekileyo.

9. Kucelwa ukuba wazise okukule setyhula bonke abaphathi bebhunga abaphumayo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2018-01-18

URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

IsiHlomelo A

UNYULO LWAMABHUNGA OLAWULO LWANGO-2018

ISATIFIKETHI SONIKEZELO LWEENCWADI UKUSUKA KUSIHLALO WEBHUNGA LOLAWULO OPHUMAYO UKUYA KUSIHLALO WEBHUNGA LOLAWULO OSANDULA UKUNYULWA

Esi satifikethi silulutho lwesikolo nekufuneka lugcinwe ngokunqatyisiweyo yinqununu yesikolo nemasenziwe ukuba sifumaneke kumphathi weseketheo xa siceliwe.

Igama lesikolo: _____ **Indawo ekubanjelwe kuyo unyulo:** _____

I-Ofisi yeSithili: _____ **ISekethe:** _____

Mna, _____ **(igama eliphele leyo), ongusihlalo webhunga lolawulo elisandula ukunyulwa wase** _____ **(igama lesikolo), ukwenjenje ndiqinisekisa ukuba ndiwafumene la maxwebhu alandelayo asuka kusihlalo webhunga lolawulo ophumayo:**

INKALO EPHAMBILI	I-AYITHEM	Phawula ngongxabalaza (X), apho kufanelekileyo	
		EWE	HAYI
1. IMITHETHO	*1.1 The Constitution of the Republic of South Africa, 1996 (Act 108 of 1996)*		
	1.2 The South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996)		
	1.3 The Employment of Educators Act (EEA), 1998 (Act 76 of 1998)		
	1.4 The Public Service Act, 1994 (Act 103 of 1994)		
	1.5 Labour Relations Act, 1995 (Act 66 of 1995)		
	1.6 Labour Relations Amendment Act, 1998 (Act 127 of 1998)		
	1.7 Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)		

INKALO EPHAMBILI	I-AYITHEM	Phawula ngongxabalaza (X), apho kufanelekileyo	
		EWE	**HAYI**
	1.8 The Education Amendment Act, 2007 (Act 31 of 2007)		
	1.9 Measures relating to governing bodies of public schools (General Notice 993 of 1997) and its amendments		
	1.10 Guideline for the consideration of governing bodies of public schools (General Notice of 15 May 1998)		
	1.11 Guidelines for the consideration of governing bodies in adopting a code of conduct for learners (General Notice of 15 May 1998)		
	1.12 National norms and standards for school funding (General Notice 2362 of 1998) and its amendments		
	1.13 Misconduct of learners at public schools and disciplinary proceedings (General Notice 2591 of 2001)		
	1.14 Exemption of parents from the paying of school fees proceedings (General Notice 1293 of 1998)		
	1.15 The Constitution of the governing body		
	1.16 The vision and mission statement of the school		
	1.17 Action plans for the following year based on the school improvement plan		
2. IMIGAQO-NKQUBO	*2.1 Admission policy*		
	2.2 Policy on school sport and cultural activities		
	2.3 Policy on use of school buildings and facilities by non-school community members		
	2.4 Policy on occupational health and safety		
	2.5 Religious policy		
	2.6 Language policy		
	2.7 HIV and AIDS policy		
	2.8 Code of conduct for learners		
	2.9 School's policy on payment of school fees		
3. IMITHOMBO YEZEMALI	*3.1 Minute book*		

INKALO EPHAMBILI	I-AYITHEM	Phawula ngongxabalaza (X), apho kufanelekileyo	
		EWE	HAYI
	3.2 Copy of assets register of school		
	3.3 Cash book (electronic)		
	3.4 Current receipt book (serial number:)		
	3.5 Completed receipt book(s) (serial numbers:)		
	3.6 Current cheque book (serial number:)		
	3.7 Used cheque book(s) (serial numbers:)		
	3.8 Petty cash (amount:)		
	3.9 Bank statements for period 01 January to 30 June of current financial year		
	3.10 Documentary proof of investment(s), if any		
	3.11 List of NGOs or partners approved by education district office and operating in schools		
	3.12 Copy of tenth school day statistics		
	3.13 Copies of contracts of all staff employed by the governing body		
	3.14 Audited financial statements for period 01 January to 31 December of previous year		
	3.15 School's financial policy		
	3.16 School budget for current financial year		
4. INKQUBO YABAFUNDI KWIZIFUNDO	*4.1 Copies of analysis of school results of previous three years*		
	4.2 Strategy to improve learner performance		
	4.3 The school's improvement plan		
	4.4 Results of Grades 3 and 6 literacy and numeracy assessments for the past three years		

ISIBHENGEZO ESENZIWA NGAMAGOSA ESIKOLO

Thina, basayinileyo apha ngezantsi, sibhengeza ukuba ezi nkcukacha zingentla zichanekile kwaye zizaliswe ngokupheleleyo.

_____	_____	_____
Igama likaSihlalo weBhunga loLawulo ophumayo	**Isiginitsha**	**Umhla**
_____	_____	_____
Igama likaSihlalo weBhunga loLawulo osandula ukunyulwa	**Isiginitsha**	**Umhla**
_____	_____	_____
Igama leNqununu	**Isiginitsha**	**Umhla**